IMVO ZABANTSUNDU.

IPEPA LAMAXOSA LEVEKI (NATIVE OPINION)
LIHLAULELWA
ZONKE. . NGANYANGA NTATU .

Paula oku!
IXABISO 3d.] KING WILLIAM'S TOWN, NGOLWESI-TATU, AUGUST 12, 1885. [No. 41.

JOHN CHARLTON,

Umlungisi wemicimbi yentlobo zonke, *Enjengeyomhlaba, Nomteto, Namafa,* e-Dikeni, nase Xesi (Kwa-Kama) nakwa Qoboqobo.

Lomsebenzi wauqala ago 1878.

UYAZIWA. AKUFUNEKI KUZINOOMA

Amafa, Ingqeshiso, Iminqopiso nokwa- nanwa kwezi qiniselo zomhlaba yonks lemicimbi yenziwa ngokukauleza.

Utetelela ematyaleni, aquke nemali engamatyala.

W. J. DEALY,

Umtumeli wempahla kwindawo ngendawo noncedisa, abafuna ukutenga nokutengisa, *e.Town Hall, Kwisitora esinga pantsi ese-* | *sitatu, No.* 3, *Kwiskundla ye marike,* E-QONCE.

Uhlala aba nento eninzi yombona, na Marimba, ne Tapile, ne Bran, ne Kalika, njalo ! njalo, ayitengisa tshipu.

Amaxabiso alungileyo uyawanika ngento | ezinjengokutya,

Impahla zamkelwa nguye azitumele kuma- . calana onke e.Koloni.

J. HILNER,

Umenzi wentsimbi zamaxesha,

E-QONCE.

Nomtengisi wempahla ezinjengemisesane njalo njalo.

Unentlobo ntlobo zemisesane, iwotshi, Nentsimbi ezinkulu zamaxesha, nentwane ezintle Zokinika amabaso ngamaxesha ae.

W. BOTTRILL,

Umsiki Wentlobo zonke zengubo,

Ukangelene ne Town Hall,

E-: QONCE

Ngoyena misiki utshipu kulomzi.

Umsebenzi wenzelwa ndlwini nye. Intlo- bo ezintsha zokasika nazipina i fashini.

W. 0. CARTER & CO,

Ncedani ngokupaula kaku- hle ukuba uhlobo olutsha

OLULUNGILEYO APA LWE SEPA.

lubuye Iwafika

Isitena yi 6d.

Yeyona Sepa intle kulomzi.

Itshipu, isitena Esikulu sidla 6d. kupela.

Inokufunyanwa kwa "KARTAR" apa.

W. 0. CARTER &. Co.

Maclean Square,

E-QONCE.

Amaqanda Esikwenene !

Impahla Yamadoda Namakwenkwana Emaxa-biso Ahlisiweyo Kanye!

C. FENNELL & CO.

Base nazo ingubo Zamadoda abanga zingatengwa zikwelele kupele. Ukuze oku kufezeke batengisa

Into eninzi yebatyi zekodi ezilingana amadoda, amadodana namakwenkwe.

Zihleli zodwa ngobutshipu.

Kukwako Nezezitofu, nempahla Yamadoda enjenge Hempe, njalo, njalo.

Ofuna ingubo ezisisulu makangaqale atenge napina engayanga kubona o

C. FENNELL & CO., e Maclean Street, e Qonce.

AKUTENGISWA NGASIKWELITI.

Kufunwa into eninzi ye

Botile kwa W. BEHR & CO.,

kwisitrata se Cambridge Road: eNyutawuni.

Inyama ne Zonka,

Nento ezinjenge kofu ne swekile zitengeni ko

BOURKE NO M.ARSH

e Nyutawuni nakwisitalato esipambi

kwe oflsi ngase mcancatweni.

AM AL AHLE ASE NDWE.

A BANINI balamahle bagqibe nabapati bololiwe ukuba bamane ukulayishela kwa Komani (Queenstown),

300 TONS ZAMALAHLE

Ngenyanga: ezingangemitwalo e 80.

Abafuna ifulara abasakuzidinga kwisituba semingxuma yamalahle ne Queenstown. Akusakubako kubambezeleka ekulayisheni amalahle nasekuwatuleni e Komani. Indlela yenqwelo intle yonke isagudiswa ngokunye.
Inani yi nayipeni (9d.) ngekulu.

Amayeza ka Cook Abaatsundu.

UMZI ontsundu ucelelwa ukuba ukange- lise lamayeza abalulekileyo.

Elika

COOK lyeza Lesisu Nokuzaxazo. 1/6 ibotile.

Elika

COOK lyeza Lokukohlela (Lingamafuta). 1/6 ibotile.

Aka

COOK Amafuta Ezilonda Nokwekwe. 9d. ibotile.

Elika

COOK lyeza Lepalo. 1/6 ibotile.

Ezika

COOK Ipils. 1/ ngebokisana.

Eka

COOK Incindi Yezinyo. 6d. uge' c i!e.~

Okn

COOK Umciza Wc'epu SaLnnt- wam.. 6d ngebotiie.

Oka

COOK Umgutyana Wamehlo. 6d ngesiqunyana.

Niqondise ukuba igama ngu

G. E. COOK, Chemist, E QONCE.

Kuba ngawenkohiiso angenalo igama lake.

Isaziso Kubahambi.

U.GEORGE WILLIAM A. RADASI wase Mpofu. Uyazisa kubo bonke abahambi ukuba kuko i POST CART esuka Empofu (Seymour) eya e Bofolo (Fort Beaufort), ibuye ngo Mgqibelo, yenjenjalo bonke Olwesihlanu ne Migqibelo.

Ixabiso lishumi linantlanu (15s.) lesbeleni ngomntu omnye. Kunokukwela isitatu sabantu kuyo.

J. RADASI.

Seymour, 6 August, 1885.

Kubabaleli bam.

BONKE ababalelana nam tnabenjenje.
EDW. TSEWU, Duff Bank, Idutywa.

BONISANI.

KULAHLEKE apa e-Mqukwane ngo *22* ku May odiuleyo:—

INK ABI emtuqwa, inequma elubilweni ; cipu kweyokuneni indlebe ngemva.

INKA BI emnyama ; etiwe gqwizi ngasemva, kwe yokuneni indlebe.

INKABI emnyama; itiwe nqnm pezuluindlebe kweyokunene, yatiwa riwu kweyase kohlo ngemva ; inexarele enqineni ayijiyile kodwa, inesilonda entsalwaneni. Ote wandilandisa wovuzua kanobom.

SOYENI MKIVA.

St. Matthew's, Keiskama Hoek,
20th June, 1885.

KANIPE UMKONDO.

BONISANI Umfana okwiminyaka eyi 29 ubudala bake.

Untsundwana, ' akanamzimba mkulu ndahlukana naye e Bayi (Port [Elizabeth) ngomnyaka we 1879 esebenza kwindlu ye Gas. Ke esisioelo sain ndisisingisela kwabakona kakulu, igama lake ngu Jim, Mbeki. Aka- yise Abraham GobongwanaKinass. Ndicela amehlo kumanene, nama nenekazi endawo ngendawo.

Umntu onoknndilandisa angatumela ku Mhleli we Mvo *Zabantsundu.*

MARCUS KINASS. Mount Ayliff, 25 April, 1885.

Kulahleke or Kubiwe.

NGO 3 July, 1885, kwilali ka MADUNA, Ezolo, lamahashe INKABI EMFUSA, endala, etsh'iswe MA kwinyonga yase kunene, ipaulwe kwindlebe yase kohlo, ine. mpawn zesilonda esidala emhlana, nebalana elimhlope kwinqina lase kunene lase- mva, isingci side kwa nomsila, linentsimbi kwawangapambili, nempawu emilenzeni.

IMAZI EMTUQWA eminyaka mihlanu, inenkonyana, itwe cwi kwindlebe yase kohlo, inamabalana amhlope kumlenze wase- kunene, umvuzo weponti koya kuwafumana. Onokuwuxela umkondo makabalele ku MR. WIGLEY. Nomaheya, e Ngqamakwe.

Kanipe Amehlo Mawetu.

TNKABI yehashe emtuqwa inqina limhlope langasetnva lasekunene, linama balana amhlotshana ezingxaleni inxa zombini, isingci sikulu sifuna likuba side, liyatrepula kakulu abalaziyo ngakumbi i teachers zela Batembu ngu Nontobo lowo umkileyo.

N.B.—Lilahleke ngobusuku becawa yomhla we 5 July, 1885 Elupapasi.

D. THOS. MALASI. Mount Arthur, Lady Frere,

29 July, 1885.

ABABUBILEYO.

MTOBA.—Kububе ngo 8 August, 1885, e Rode, Emkangiso, u SARAH JANE, intombi ka WILLIAM C. MTOBA. Usishiye esekonwabeni okukulu kanye, encuma, " Ekulindele ukusa " kanti uteta ukusa kokuba esimnka. Sazisa izihlobp.

MTIMKULU.— Ngobusuku bolwe si-

Tatu, July 22, 1885, kwa Qoboqobo kububе u Rev. SAMUEL MTIMKULU. Umnke Dgoxolo. Abahlobo abagama mabamnkele lombiko.

KO TITSHALA.

KUFUNWA e Mtwaku (St. Matthew's) kw.ngoku i TITSHALA enesiqini- selo. A ingabalayo ngabo abanezimilo ezindelel o na bagqibeleleyo ukuwazi urn. sebenzi ; alela ku.

Rev. A. W. BRERETON,
St. Matthew's Keiskama Hoek.

August 5 h, 1885.

Iveki.

AMABULU akulomzi mtsha ukwa Zulu andulule iqela lawo elisinge emant'a elo lakwa Tshaka ukuya kumisa omnye umzi. Ii uluneli yase Natal ikucasile oko.

I.IAJI iyakuqala ukuteta amatyala ngale Ntlako-hlaza e Cradock ngo 3 September.

U M:t. JOHN HEMMING nowake, undulnke kuloi' Zi ngolwesi-Bini Iweveki edluleyo ukuya kupata imisebenzi yobumantyi base Rini.

U MR. W. B. CHALMERS ozakuba yimantyi enkulu yalomzi, usapumla e Bayi, emva kwemisebenzi enzima yobumantyi obukulu bakwa Adam Kok. Angafika ekuqaleni kwenyanga ezayo.

IMVULA ine kanobonyana kweli lisezintabeni ngeveki edluleyo. Zike zalalelwa yingqweqwe. Eli liugezantsi aliyifumananga kuyapi.

U REV. C. TABERER wase Mtwaku usawusbiyile lomzi wake usinge e England, apo ayakuzama ukubuta itnali yokuncipisa ityala lomzi lowo awongameleyo eliku £2000. Parnbi kokukwela emkombeni wenze inteto e Bayi engehambis® ngemfundo kulomzi wake.

BUBUGQUMGQUM amasela ngoku ayadutyu-Iwa ngamagwangqa. Ziti azocingo elinye lidutyulwe e Nkonkobe ngaleveki idluleyo, alafa.

LEV :I idlulileyo ibiy yomdlalo otnkulu wa Ng; i webola ekatywayo e Rini, kudlala Arnang .i ase Rini. nnvase Bayi. nawae< Kapa, uawase Qonce; nawase Dayiman' I Bayi lidliw" H Rini i ah' Qonce, i Qonce, li Rini, i Bayi li .Lyimani n t li Kapa.

I STATION MASTER yase Moil • kufupi na- se Tekwini e Natal, ibulewe ngaleveki idlulileyo. Kuranelwa kwi Kuli elagxotwa kwa loliwe apo.

KUVAKELE e Rini ngedlulileyo iveki ukuba kuko isitandatu (6) sabantu esigula yingqakaqa kulomcancato wase Nxuba ulunge nele Ntonga. Imigudu yokuyitintela seyiqaliwe.

U MR. COLE umiselwe ukuba ake abe ebamba ubujaji endaweni ka Judge Buchanan owawela ngoknngapili.

IJAJI eyakuteta amatyala kumizi ngemizi ngesisiqingata sonyaka ngu Hon. Mr. Justice Shippard, umfo owugciseleyo umteto nonge- na kete.

UMHLOLI .zikolo u Mr. Howe-Ely, ubehatnbisa umsebenzi wake kulomzi ngazo ezintsuku.

U REW. WILLIAM TYSON, elinye lamaciko abafundisi base Wesile, unyulelwe ekubeni ngumongameli weramente ezikwiziqiti ezizi Honduras e America.

IMVULA enobom ine kwidolopu yase Kobonqaba.

UMPATISWA Koloni omtsha ute ngaleveki idluleyo Inkosazana ayinakulamnkela ilizwe elibanzi ngangelo u Khama inkosi yaba Kwena ilinike inkosana.

ETETA ngo Sutu ute kubonakala ukuba amapolisa ongezelelwe kwelozwe.

EBEKISELELA kwelakwa Zulu ute u Col. Stanley, basayicinga eyona nto bazakuye- nza ngelo.

I KOLERA ngoku ityikitya e Marseilles emazantsi e France apo kutiwa kububa amashumi ngamabini abantu ngemini.

IKEPU liwe kunene ezintabeni nge Cawa nango Mvulo odlulileyo.

UMKOKELI wondiyalwa kwizipitipiti ebeziko e Canada abati ngu Louis Reil ugwetyelwe ukuxonywa.

ISITORA sika Mr. Henry Ellis sitshe e Monti. Kutiwa besiqiniselwe indleko yo- kutshelwa ngemali eku £7500.

KWINTLANGANISO yebahdla elilaula imfundo etyalileyo ebingo 1 August, yonganyelwa ngu Dr. Dale kunyulwe lamanene alandela- yo ukuze abengabavi bekaba ngo 1886: Law, Sir J. H. Villiers, Advocate Juta. *Literature :* Dr. Dale, Moderator ; Rev. Dr. Cameron, J. D. Coley, Esq., B.A., Dr. Van Oordt. *Science* Hon. C. Abercrombie Smith, M. A., Moderator, W. H. Finlay, Esq., B.A.jF.R.A.S., G. C. Frames, Esq., B.A., B.Sc.,LL.B., J. G. Gamble, Esq., M.A., Professor MacOwan, B.A. *Philosophy:* Rev. Dr. Kolbe, Rev. Dr. Stewart. *French,* Mons. Peringuey. *Dutch,* Rev. J. J. Kotze. *German,* Rev. C. H. Hahn. *Physical Science* (M.A.) Professor Fischer.

INQANAWA yokugqibela evela e England ifike no Mr. J. Arnold White otunywe zizinonopu ezibini za Pesheya ukuba eze kubo- na ela Bahlambeli ngendlela yokuba kutu- nyelwe intsapo za Mangesi ziye kulima.

KE kwako amaduli amakulu abantsundu e Dayimani, Ngomvulu we Cawa edlulileyo inqandwe seyi dibana ngamadindalakwabako ababanjwayo. Omnye umzi wabantsundu angenelwe ebusuku zatshiswa ezinye izindlu kwabulawa babini.

SISENENTO eninzi yencwadi zababaleli ezi. yakufunelwa isituba kweleveki ezizayo.

Amanqaku.

USITEMELE ofike ngapaya kwaleveki idlulileyo ufike nabahlobo ababini abe- nyaniso babantsundu. Siteta ngo Mr. Saul Solomon, esingenakuyibulela sigqi- tise Inkosi u Soinandla ngokumnika impilo. Wangamana angalondolozeka empilweni nasemandleni iminyaka emi- ninzi. Nakubeni amawetu abengatanda ebuyele Lwisihlalo saLe e-Palamente, ngati Kulungile UKuba angabi UKulondlu apo izinto ngoKU zingasaKangelwa ngem- fanelo ngenxa yobuninzi ba Mabulu. Owesibini umhlobo ofiKe Kwangalenqa- nawa ngu Miss McRitchie, inKosazana ebeKwe Kunene netandwa Kunene yint- sapo yayo eyongamele isiKolo sase Mgwa- li. u-Miss McRitchie unexesha elide esebanzana nemfundo yentombi ezint- sundu Kwelilizwe; iziqamo zengqeqesho yaxe elungileyo ziviwa ngoKU xumaKaya amaninzi. Silindele uKuba isiKolo sase Mgwali sihambisele pambili pantsi Kwa- Ke, sixaswe Kunene ngabantsundu bape- sheya Kwe Nciba nobanweli.

ULUVO olwaneleKokumapepa Amange- si lolokuba inakie imikosi e Lu- sutu iye kuqutisTMasupa nezinye inkosana ezilinyateleyo igunya lika Colonel Clarke, oliso le Nkosazana. Elase Kapa i *Cape Argus* iti: " kuninzi esesikuvile ngokuxubahela kwezinto e Lusutu; kodwa singa singeva ukuba sekuhle ntonina enokubanga ukuba ula- ulo Iwa Pesheya kolwandle lungene lu- Iwe na Besutu, abatwele ubunzima ngenxa yokungazoli kwemicimbi. Singa- wavisisa Amabulu ase Free State xa ati Abesutu beba impahla yawo. Seke kwa- biwa inkabi umhlaimbi ihashe likabani- na kwelo ? Asingi singapainbana ne Free State; okwangoku nga Besutu abangakalaza kubafanele ngokwenziwa yi Free State kubo kuba abatengisi be brandi bavela kona, ngabo abadala ezizidubanti- ni ngendywala zabo, kwabe kungatengi- swa utywala kwabantsundu e Free State. Abesutu abakoni bani e Free State ; aba- koni bani e Koloni kanjalo; lolwaninake olugezo lokubiza i England ukuba ize kubohlwaya. Akucacile ukuba izinto zonakele kangangokuba zinconywa apo e Lusutu."

OEUDABA smta kwela Mabulu lase Kapa *(Hc' . uksbladj: "* u Mr. Joubert unike isaziso sokuba yonke imitandazo etunyelwe ngabamhlope abase Batenjini ibekwe pambi kwebandla ngu Rulunieni kwanento akalazelwa ngazo u Mr. Newman Marks. Lomitandazo ingokuba bani- kwe ilungelo lokutumela amadoda e Pa- lamente, kwahlulwe isitili sase Cala ku Mabulu, banikwe eyabo iinantyi e Slang Rafile, bangapatwa mantyi ipete aliamnyanra. Ngati ezizinto ziyavisiseka zinenteto eninzi yokuzixasa. U Mr. Marks kwatiwa ngaye ngu Mr. De bWet inteto yake kwabantsundu ibuxoki obu- puhlileyo. Oku uyakupika u Marks, ubakubuza ku Mr. De Wet akafumani mpendulo." Inteto Ka Mr. Joubert ayamaKelwanga.

SIFUMENE ingxelo yoviwo Iwe sikolo sentombi sakwa Ndlovukazi lokupelakwesiqingata salpnyaka esidlulileyo, esiyakuyingenisa ngeSixosa kweleveki ezayo. Uviwo Iwahanjiswa ngu Rev. J. E. Par- sonson wakwa Komani. Ingxelo yake iyakolisa, ibonisa ukuba eso sikolo senza umsebenzi omhle oqinileyo kute-cwaka nje, nokuba imali yakwa Rulumeni yo- ncedo ayilahlwa mayelana naso. Nje- ngokuba imicimbi yemfundo iqala ukungena emapikeni amadoda ombuso nje- ngase Australia, kuyimfanelo ukuba Abapatiswa zikolo baubengeze umsebenzi wabo. Siyibuka nento yokuba intsapo yesikolo iviwe ngongeni nesikolo eso. Kunanina oku kwakwenziwa nakwezinye izikolo ?

LANGXOXO yandululwa ngu Mr. Du Plessis omele i Komani e Palamente, engokufuduswa kwabamnyama e Xonxa, iqukunjelwe ngecebo lika Mr. Innes loku- ba " Imihlaba engemiweyo pesheya kwe Nciba, leyo angagqibanga ekumiseni aba- nihlope kuyo u Rulumeni, izaliswe ngabantsundu abayakufuduswa e Xonxa nase Ngqusbwa, xa bavumayo ukufuduka bonke baye pesheya kwe Nciba." U Mr. Innes umise inyawo kwindawo yokuba abantu bangafuduswa ngamandla, uviwe umxelo wabo mayelana nokufuduka nokungafuduki. U Mr. De AVet ulamnkele icebo elo egameni lika Rulumeni, wati kodwa abo bafudukayo abasakunikwa mihlaba ingapezulu kwaleyo bapuma kuyo. Aka Mr. Sprigg amazwi aginyise arriate. Uto oku kuyakufezwa ngenkatalo enkulu. "Imvo, neminqweno, nofnpu- nga wabantu ngokwabo, ezonto ziyaku- gqalisiswa." Sisati tina nokuba abantu abo bayakuvuma ukufuduka nokuba aba- vumi mabanganeliswa lilizwi lomlomo lo um'pakumpaku ka Rulumeni, mabaftine iziqiniselo emhlabeni, ngakumbi ngoku kuko nelokuba ivenkile zisikelwe imokolo emhlabeni yabo nje.

IMHLOPE yona into yokuba imihlaba ekwelelwe ngabantsundu iyakusikwa ifa- ma itengiswe kubelungu. Akwaba u Rulumeni ubengabotshelelwanga kweli- cebo. Amabala atile omhlaba ongashi- ywa ngabantsundu ubungagcinelwa kwa- bona basikelwe abo bafuna ifama ezinci- nane ezingebi ngapaya kwamandla abo. Amaya etu ngawokuba akusizi luto ukuba u Rulumeni atengise umhlaba obanzi kubelungu befama kuba basuke babuye bauqeshise kwabantsundu ukuze bafuraa- ne imali. Ifama ezincinane ezingangezo zabantsundu bakwa Qoboqobo zinganon- cedo olukulu. Lamhlaba wakwa Tuku e Ngqushwa, esaziyo ukuba usukuzela ukucita abantsundu kuwo u Rulumeni, bona bengavumi ungasikwa ifama zolu- hlobo zabalimi. Sisati abantsundu ba- ngabonisa umzekelo omhle kunene wokulima.

KUTIWA kuko Amabulu anduluke kwimimandla yase Alvani, Komani, neyase Tsomo aya e Mampondweni ukuya kuqe- sha ifama ku Mqikela. Itshawe elingu Mdlangazo kutiwa liyayibuka lonto. Ele- tu ku Mampondo lelokuba ukuba adiniwe kukubanelizwe lawo odwa, angasamnkela isicelo eso Samabulu. Kona nje site nqa ukuba abe akafundanga luto kwihambiso Yamabulu kwela Bahlambeli nakwa Zulu.

LITI elase Alvani *(Border Nexus)*:—" U Rulumeni uzakubehle akupe bonke abantsundu ebupoliseni afake abamhlope bodw'a, amashumi amabini amapolisa abamnyama kwesisiqingata seleniswe inotisi." Kakadeke lamashumi mabini abantsundu ayakuba alahlekwe sisonka sawo. Mbangi yintonina? Silindele impendulo,

ESISENZO sika Rulumeni sisafana ne- sokuba angati umntu akubona inja yake ilambile, ashunqule umsila wayo ayipe. Yenziwe lonto kuyakunqaba ukuwafuma- na amasela xa ingamapolisa amhlope odwa. Amapolisa antsundu enza umsebenzi omhle kunene afanelwe ukubule- Iwa, kunokuba apatwe ngoluhlobo.

ELIXA u Rulumeni abecinga ngokuwa- kupa onke amapolisa antsundu lelixa tina besisacinga ukuba bekungebento intle sinina ukuba kubeko ibuto lamapolisa amnyama lodwa elipetwe kwazi opsiri (officers) ezintsundu i Korneli (Colonel) kodwa ibe mhlope. Elibuto lingake lipi- kisane nelimhlope ekuncipiseni abapulimteto. Namangesi angewakupi ekuha- mbiseni umsebenzi.

MAYELANA nalomcimbi elinye lamape- pa ase Bayi *(Telegraph)* liti:—" Ipepa lendaba labantsundu *Imvo* linenteto ngendawo yokuba u Rulumeni ekupa ama polisa antsundu. Ngengqondo *Imvo* ibonisa ukuba ngokwenjenjalo u Rulumeni uyakuba uvula iroba kwindawo ati yena uyalivala—ukuncipisa ubusela. U Mgcogeli uti amapolisa amhlope awasa- kubanabo ubugcisa bokuwaqonda amaqa- lo amasela abantsundu. Ufike ati uwetu ' ukuba ufuna ukuncipisa ubusela nakulipina iqela labantu sebenzisa kwa ama- lungu eloqela.' Lenteto ikwayileyo iti isela libamba elinye. Nangayipina indle- ja *Imvo* ifanele ukunconywa ngokuswela kwayo ingqambu. Sitemba sisoyika ukuba inkulu inyaniso ekulamazwi ayo.

KUYASIVUYISA kunene ukubona ukuba nelase Monti livumelana nati kulomci- mbi wamapolisa. Liti: *Imvo Zabantsundu* ziti yimposiso enkulu ukukutshwa kwamapolisa antsundu. Ziti " amhlope ahleli ngezimnyama mayelana namaqela amasela antsundu." Singaxoliswa kunene kukuva ukuba kuko isizatu agxotwa ngaso amapolisa antsundu. Ngati tina ngawona abefanele ukuba bukali. Ukuba awautobele umteto, yenye into leyo." Singati kuwetu lo ngokupatelele ekutobe- leni umteto kunganqaba ukukwalata oku.

NGATI kokwetu ukubona i *Cape Argus* isaposisile entetweni yayo " Ngebandla Elimele Ukukusela Abantsundu lase England, ibandla eliluncedo olukulu ku- mzi omnyama. Kunokutiwa sisekonje tina bantsundu, sinemfanelwana esinazo, kungenxa ka Mr. Saul Solomon, kwe *Cape Argus* neli Bandla labakuseli. " Yinto engummangaliso ukuba ngelixa kubonakala ukuba umoya Wamangesi eli ngo- wokfiba ontsundu afumane imfanelo zake, lelixa kanye elibandla labakuseli likuyekileyo ukubojabojana nemicimbi yale Koloni nabantsundu. Siyavuma asika- nyeli ukuba oku kuyakutelwa-nqa kuba kutetwa lelipepa ekade lamela abantsundu. Kodwa esikutetayo akunakupikwa." Ixesha eli lonke besisiti tina lento lite cwaka ibandla labakuseli kukuba zipelile ezonto bezibanga ukuba likalime.

ISIKUTALI apa esongamele isiKolo sase Mtwaku, u Rev. C. Taberer, sisinge e England ukuya kubuta imali zokupelisa isikweliti salomzi. U Mr. Taberer upate- Iwe ngu Rev. A. W. Brereton ngelixa angekoyo. Wenze inteto eyolileyo e Bayi avakalise kuyo amava ake eminyaka ema- shumi mabini esebenza kwabantsundu. Ute wasitabata isikolo ku Canon Greenstock ngo 1870. Wake indlu yabafundisi, ityali&e, izikolo, nezamashishini. Esi&o- Iweni ama&wen&we a 72, 36 abamashishi- ni, 20 intombi, 6 itiithala zine *wezi ezi- mhlope. Amashishini ahambisa &a&uhle amiselwe ngo 1878, selevelise £4000. Iza- fciwo zadla £8000, fcubutwe £1680, £2000 ibatelwe ngamashishini, isikweliti £2000. Baninzi abayafcumnqwenelela indlela entle u Mr. Taberer. Isihlalo eAwenziwe- ni kwalenteto besipetwe ngu L. L. Mitchell, Esq., umpati we Standard Bank apo e Bayi, inteto ya&e ibonisa u&uba abamhlope beli bayaqala ufculibona ixabiso lomsebenzi wabafundis[1].

IPAEAMENTE iwubuyise umva umteto obuvumela abelungu beven&ilekwindawo ezinjenga pesheya kwe Nciba bani&we itaitile. Siyatemba ukuba into enjalo ayisajfcubuya ikan^anywe. Ngati ngeyi- ngembi Aafculu lento ufcuba u Rulumeni ubezakusiKelayonKeimizi ayiniKe itaitile nayo.

ABALIMI NA BARWEBI.

E-MABKENI.

E-QONCE (Aug. 11).
Ibotolo, 2/3 ugeponti Amaqanda, 1/3 ngedazini Irasi eluhlaza, 1/7 to 2/ ogekulu Itapile, 3/10 to 8/9 ngekulu Umbona, 13/3 ngekulu Inkuni, 5/ to 32/ ngeflara Imbotyi, 18/3 ngekulu Ikalika, 1/ to 1/1 ngenxowa Thabile, 3/8 to 5/ ngekulu Utngubo, 11/6 ngekulu Ihabile (itnbewu), 12/6 ngekulu

E-KOMANI (Aug. 10).
Ibotolo, 2/ to 3/ ngeponti Amaqanda, 1/3 to 1/9 ngedazini Atnazimba, 27/ to 30/ ngenxowa Umbona, 26/ to 28/ ngenxowa Irasi, 15/ to 17/ ngekulu Ihabile, 7/ to 9/ ngekulu Ibran, 7/6 to 8/ ngenxowa Itapile, 11/ to 14/6 ngenxowa Amatanga, 6/ to 8/3 ngedazini Inkuni, 23/ to 40/ ngeflara

E-BOFOLO (Aug. 7).
Inkuni, 15/9 to 16/6 ngeflara Ibotolo, 1/7 to 2/ ngeponti Amaqanda, 9d to 1/ ngedazini

E-MONTI (Aug. 11).
Amaqanda, 1/2 to 1/5 ngedazini Ibotolo, 2/6 to 3/ ngeponti [bran, 8/3 ngenxowa Itapile, 7/6 to 8/ ngenxowa Umbona, 12/6 to i5j6 ngekulu [habile, 5/ to 6/ ngekulu Inkuni, 5/ to 15/ ngeflara

Impawana.

Intokazi etile, Ingesazana yeza kuse- benza e Natal ivela e England. Ite ya- kuba ilapa yafnmana nmntwana emntwi- ni otile. Mayiti kanti lentokazi yemnka ifilishwa e England. Suka qata imali ngeposi ivela esokeni, lisiti isoka mayi- nyuke baye kutshata. Kuxake ngoku nmntwana enyanga ntatu ezelwe; yayinkohla ukuba itinina, yenza iqinga loku- ba itengise ngaye lomntwana. Okunene kubeko ntokazi itile ete yakuva oko yamtenga nmntwana ngeponti enesihlanu (£1 5) yaba iyatshata ke lontokazi. Ku- yavakala ukuba impete kakuhle lomntana lontokazi imtengileyo. Sincoma uku- balula kwendlela amfumene ngayo—u *good koop* kanye.

***

Kunzima kwinkuku ezingamaqaba. Siva ukuba pesheya kwe Nciba kuko igqirakazt elitile elalipetwe kakubi emzi- ni walo ngenxa yokungabi nabantwana, lalendele esitenjini. Lite ngamhla utile laya kunyanga kumzi owawumgama lafika kuko umfazi osefukwini lati abantu bonke bomzi mabaye kuhlainba, lati nakulomdlezana makaye kuhlart^a, kuba oti amashwa asale naye, lati liyamgci- na umntana, wahambake umfazi Icnvo; lamposa emhlana lamtsho ngembel^fo yake lahamba naye, latsho, latsho latsiho! layakufika emzini walo. Babuya abantu ukuvela emlanjeni bafika ucango seluva-Y- Iwe ngeggesha, bafuna bafuna bafuna,' intsuku zada zantatu bamfumana kulqmzi weliqqirakazi. Lasiwa ematyaleni; kutiwa akukaziwa nokuba uyakupila lomntana, kuba igqirakazi lalingenanto limtyisa yona.

***

Siyawuncoma kunene umoya oqube umhlobo wetu u Mr. M. Kinass, wakwa Baca, ocela ukuba *ake* ashicilelwe onLe amagama omhlambi oxasa *Imvo Zabantsundu.* Ubonisa u/cuba uyaqala umzi ontsundu uLuzidla ngento yawo. Isime- mo esi Lambe asibefciswe fcuti, Lodwa Lumzi wonLe, so La silindele eyawo impendulo ngapambi LoLuba senze awetu.

***

Inani labaxasi alilininzi LangangoLuba umntu abengalindelayo, Luba xa siLa- ngela ubuLulu bomzi ontsundu iwaLa lincinane Lumzi obalwa ngezigidi. Siya- Luqala uLuginya amate tina baLuba nga- mawaLa alishumi abatabati bepepa. Eli- pepa aqalile uLulinonelela amagwangqa ngendawo yoLuwumela ngoLuzolileyo umzi ontsundu ezimfanelweni zawo. SeziLo izinto eliwuhlanganisele kuzo umzi LwafaneleLa, ngobuLo halo libange Lwabamhlope Lwabapeteyo uLuba Lunga- bi yinto eLapuLapu uLumenzaLalisa ontsundu. U Rulumeni utabate ngo- LwaLe amapepa amahlanu uLuze ave umoya wabantsundu. Omantyi, nama- doda ase Palamente anele ngoLulitabata. NgoLoLe ngati ingalilishwa eliLulu Lumzi wonLe waLowetu uLuba libuye litshone xa beseLe lavela laginyisa amate Luninzi. SitiLe amadoda anamehlo maLangayeLe- leli, mawaugenise imfama. neziqwala— wonLe onoLuliva lileswa uLuba balitabate babe'oaninzi abantu uLuze lime lilwe ngoLunye. ShuLumaniLe mpindini iLanyiselweyo!

Yinto eyaLurazula intliziyo zentsapo nabahlobo bo maneli u Gogo (Rev. T. GregorowsLi) obesaLuba ngumfundisi wa Malawu ase Somerset, le yenziwe ngunyana waLe omncinane u Mr. George GregorowsLi. Lendoda izibulele e Rafu ngo 21 July ngoL isuLe isele ityefu. Isi- zeLa-bani Lutiwa iveudaba loLuba umhlo- bo nowayo ose Tsurini (Oudtshoorn) u Mr. Reitz uzidubule, yaqaqanielwa yintli- ziyo ngalonxa; yenz? oLuLe? U Mr. G. GregorowsLi uzalana nosapo oluvelele LaLulu Lwelilizwe. E Rafu ubeLumLu- luwa waLe n Mr. W. GregorowsLi, B.A., LL.B., oligqwetaapo.ebala; ILwangumLu- luwa waLe lo uvi Jaji vase Free State u Mr. Justice GregorowsLi, B. A.,LL.B. Ndawo idala ubuhlungu ngoLunve Lu- Luba oyena nyana inLulu La Gogo wazi- dubula e Somerset ngeminvaLa eyadlula- yo, esenza Lwalontonje omncinane.

***

U " Zwelinjani" (BarLly East) ubalele Lwi *Sigidimi* incwadi yengqondo. Utete- lela indawo yoLuba maLati umntu obalela epepeni asiyeLe sona isiqu agxwagxushe inteto. Uquba ati " Yona indawo angavi- sisani nayo ubani, noLuba LuLulipina ipepa lohlanga, maLayitetise, liyeLwe ipepa licumelande." Atsho ati, "siyaLuya ngapina mzi waLowetu xa apelileyo amapepa? " Nati siti azi siyaLupina?

***

InLulu intshwabulo ye *Sigidimi* ngaLu- ti LubasisuLe sangenisa incwadi zababale- otileesingavjsisani sona nentetoyabo. SifiLe. sihambe s'zi7?eta amad lai a incwadi ezo, siti Luba lento idlala iyaLuhlala ili- dlala nasentetweni, sisuLe sesisiti inteto yonLe ingcolile. Elitshawe lingu Mhleli we *Sigidimi* ngumfo ozitshoyo, ote paLati Lwento eninz.i entle engaye, Lwenye indawo LwaLwelipepa lalenyanga eteta nge- ntlanganiso yo Manyano ebiLwa HleLe, lontlanganiso " ibiboleLwe ubuciLo, no- LuhlambuluLa Lwenteto ye Sixosa ngu- ye." Umfo oliciLoLe uLangelelwa uLuba abe nobugcisa boLuti inteto angayigwebi ngamadlala.

ALaneliswa LuLuyibebeta ngenjeyamadlala ayo inteto" yababaleli be *MVO.* Ufike aputume kwisfvivane sake esidala esingu Mgcogeli welipepa ati " ulizibuLoV ezitwelangalo, ngoko nguye omakatyatyu- Iwe. Lonto ayibonakali njalo kwawetu amehlo; asisohlwayi *Isigi'dimi* xa sona sigqibe kwelokuba yonke inteto ecaseneyo nolwaso uluvo asinakuyishicilela. Asi- tsho ukuti yonke into nokuba imdaka ino- kungeniswa siti; xa kodwa inteto ifanele- [k]ile siyakuyingenisa njengoko nokuba [l]casene nolwetu uluvo. Sikolwa tina ukuba imfezeko asinto inokulinddKva kwelipakade.

Singa bangasivisisa abafundi betu asi- teti ngabutshaba ne *Sigidimi.* Sityila indawo esingasivisisiyo kuzo, singangxa- mele npktj[pi]kisana kakulu nenteto vaso ukuba abafundi bamaphephepha bengalindele kuba ibala lendababa ngqityelwe ezincu- kiv ini nase makweleni.

***

Masiyishiye lendawo ngeliti sisati tina zon e ezinteto zisalungile, kuba zibonisa *Imvo Zabantsundu* abatile- Asihambisi ngokobuneneke ukuba *Isigidimi* sizigqu- bele ngotuli imvo zanianye amanene: mazikalinyelwe, ukuba ziya kalinyelwe, ngomoya opolileyo ukuze kubeko eyona nto kuvunyelwana ngayo ekupeleni.

Kuyavuyisa ukuva ukuba imvula ezi-

ntle -Zinile kwizitili ezipezulu. Sisayive inconywa kwa Romani nase Dikeni. Si- hleii ngetemba lokuba lonyaka uyakulu- nga. Kwanganaana kunganjalo.

Sitonyalaliswa fcunene kukuva ngomnye umnumzana weli lingezantsi, e Tyolo- mnqa ukuba ngazo ezinyanga uhlwayele kanobom imbewu ezisitoba. Sikumbula eyengqolowa, eyombona, eyamazimba, eyehabile, eyerasi, eye-erityisi, eyembo- tyi eyetapile. Makulingwe ngento zonke, nto zakowetu! Asibantu bake bafunge o Ngobizembe, no Noton to. Soka namhla sibibidle ngokuti:—Kwanjengokuba ku- qinisekile ukuba ilanga liyakupuma ngo- mso, lomhlobo wetu uyakuba nembewu ayakuyivuna kwezi nokuba libalele, ali- balele. Akasakuzizondake ngokuhlwaye- la kwa[k]e abafani ngofani-

UMKONDO abeucela u Sana Matshaya wase Qugqwala ubetwe ngu " E.M." oti ukusiba- lela "u Jacob Mkonyeni okwangu Mda- ndalazi (umnakwabo Malikazi Mkondo u Sanah Matshaya, intomhi ka Mkonyeni) ukwa Sikiti ngase Blekana, emazantsi no Makulu ; ebefudula ekn Ndofela ngase Qimir^ Siyavuyisana no Sana Matshaya kuba Mfnmene oligazi lake. Oku kukwa- bonisa ixabiso lokwazisa kwi Mro *Zcibantsu*- <^u ekungeko ndawo zingafikeleliyo kuyo.

Middleburg.

[GEORGE NQANA.)

July 1885.

Ndifuna ukwazisa wena nabafundi belipepa lidume kunene kutiwa zi *Mvo Zabantsundu,* usana oluvele selu- lumnkile njengabantu abadala.

Njengoko' ndazisayo ngo March ngoxu- bekwa kwelitye legumbi letyalike yaba- ntsundu e Metele. Ive mzi. zwana ngokwakiwa kwayo letyalike nina nisi- buzayo. Yakiwe ngumzi, ukutshoke site- ta amadoda Osutu ngokwawo. Kuqala emba ngokwawo amatye, einba umsele nesiseko. Waqalela ukunduluka apo umsebenzi; into emasiyincome kulama- doda yile yokuba ate kauti ezinikele ka- ngakanje,"kanti awafumani nento naku- bani, an came imisebenzi yawo, azinikele ekwakeleni Inkosi itempile. Umzi uwa- sekele ngento ezisiwa pantsi kwempu- mlo, eziniengo *buhope.* namanzi ashushu. Siyakuncoma noko kwenziwe ngumzi. Mhleli, ebendincamisa mhla ngati iziko- tile zibikelene, okangela akangele, ati esakubabomvu amehlo kujonga endlele- ni, usuke ubone ukuncama kwawo, sele- siwa kulamacetshana kutiwa zi *tr off els* ebiza udaka namatye, esebenza ngezisu ezize, udeke umsebenzi wasingisa eku- peleni. Mandingalibali ukukankanya u Revd. O. Carey umfundisi okutele kunene, ofuduswe umsebenzi ungekapeli, osilelelwe kuiikelela besimcelile ukuba eze ekuvulweni kwayo.

Mhleli andisayikukoliseka ndingawa- balanga amagama amadoda ake lendlu yokubedeshela, emi ngoluhlobo: Daniel Mareka, Philis Onverwacht, Water Ma- ntsiwe, April Minaar, namanye awodaka namatye.

Ke umsebenzi upele ngo July lo—kwa- vunyelwana ukuba ivulwe ngo 12 July nge Cawa. Okwenene kubenjalo. Uga- lelekile u Revd. B. S. Dlepu ngo Mgqibe- lo, ukuvela e Cradock. Kusile okunga- liyo, inkonzo iqalwe ngentsimbi yeshumi linanye ngu Revd. B. S. Dlepu; umfo wakona uqube waquba weza kunqika ku Joshuwa, isahluko xxiv., amazwi akeabe kwinxalenye ye 15 verse, kumazwi ati: Minanendlu yam siyakumkonza u Ye- hova; sayenzake into isicaka se Nkosi kulomazwi, kuzele mawetu nabelungu. Ndabona ukuba amazwi ayakwenza akwenzayo kwesisizukulwana samara- mba. Ipumile, kute kwasala amalungu azeleyo aseramenteni, u Maneli lowo wa- nikela isilalelo, batsho Abesutu, ngu- mtendeleko ke lowo.

Kweyokumnka komhla kushumayele u Revd. J. W. Thompson, ocingelwa ukuba uzakuzalisa indawo ka Mr. Carey afuduke nonyakanje, ushumayele umfo lowo kunene naye, kuko nabelungu. Kweyangokublwa kushumayele kwa u Revd. Dlepu; kwati ngentsimbi yesibozo wagaleleka kwakona u Revd. J. W. Thompson; kute emva kwexeshana wa- posa naye amazwana ; ndeva selejika ku- fupi selebizela esiguqweni. Nina nisa- ziyo esakwa Tela; ngakumbi wena Mhleli. Sizuze ngobobusuku basixenxe aba- ntu abatsha endlwini entsha.

